



The Office Of The Principal and Vice - Chancellor

**UNJINGALWAZI MS MAKHANYA, INQUNUNU NESEKELA
NGQONYELA
IYUNIVESITHI YOMZANTSI AFRIKA**

**AMAZWI OKWAMKELA IINDWENDWE,
UMGUBHO WOKUBHIYOZELA UMNKYA WE-145 YASEKWA I-
UNISA**

4 Julayi nge- 09:30

UMphathi –Nkqubo: uGqr Somadoda Fikeni,
UMongameli: liProjekthi ezikhethekileyo nomcebisi kwiNqununu
nesekele-Ngqonyela

UMhlelazi, uGqr. Thabo Mbeki, iNgqonyela yeyunivesithi yoMzantsi
Afrika, uMphathi weziko lobuNkokeli lamaAfrika ,iThabo Mbeki
(Thabo Mbeki African Leadership Institute) nobesakuba
nguMongameli weRiphabliki yoMzantsi Afrika.

UMphathiswa obekekileyo uNaledi Pandor,iLungu lePalamente,
uMphathiswa wezemfundo noQeqesho

UMnu. Sakhi Simelane, uMgcinisihlalo weBhunga laseUnisa
namalungu eBhunga akhoyo

KooMongameli, ookhomishinalai nabathunywa abamele amazwe
abakhoyo

Malungu esigqeba nabaphathi beUnisa

Mnu.Nkatho, omele iPresidenti yoMbutho wabafundi kaZwelonke
eUnisa nawo onke amalungu eNSRC

Mnu.Mhlungu, uMongameli weNgqungquthela

Abathunywa abavela kundlunkulu nakurhulumente wasekhaya

Amalungu abuya kwezoshishino

Abameli abaphuma kumaziko ahlukeneyo emfundo ephakamileyo

Abathunywa abasebenza nge Economic Modelling Inbound Economic
Modelling and Benchmarking Conference 2018 ephethwe yi-ofisi
yeMeya: Isixeko saseTshwane

Abasebenzi nabafundi baseUnisa, kwakunye nosapho lwethu lalapha esixekweni neendawo ezisingqongileyo elizokugubha nathi ngesathelayithi linkokeli zabasebenzi

Abonwabisi bethu, endixelelwa ukuba ngamalungu abasebenzi nabafundi baseUnisa Malungu abekukileyo abaphulaphuli

Ndiyanibulisa nonke ndikwanamkela ngezandla ezishushu, ngolu suku lomgubho kwiveki eyakhe yabanda kulo nyaka eMzantsi Afrika.

Ndiyathemba ukuba lo msebenzi wanamhlanje uya kusi nika imfudumalo sonke

Kwokokukubanda sinemincili ekufumaneni iimvula ezintle ebekukudala sizilinde ngethemba lokugqibela eKapa, ngokunika isiqabu ngokungathandabuzekiyo ziya kwenza ngcono kubahlobo bethu kweli phondo.

Kuloo meko, akukho nzima ukudibanisa isimbholi yeentsikelelo zemveli nezo ezingokuqalwa kweUnisa ngaloo nyaka mnye, ikhulu elinamshumi amane nantlanu eminyaka eyadlulayo. NeUnisa nayo ibisoloko iqhubeka ngokuba lulutho kwisizwe nokuba yintsikelelo.

Njengokuba ndiqinisekile nje, sonke siyayazi ngoku indlela enomtsalane nekwadume ngayo imbali ye-Unisa, ithwele ubabazeko into yokuba iUnisa

ngukhokho weyunivesithi eyaseStellenbosch neyunivesithi yaseKapa, emva koko kulandele iyunivesithi ye Witwatersrand, iPitoli , Natal (UKZN), Orange Free State (UFS), Rhodes nePotchefstroom (UNW), zonke iiyunivesithi ezaziphantsi kweekholeji. Into abangayaziyo abantu abaninzi yeyokuba urhumente wangaphambili wazama ukunyanzela i-Unisa ukuba ibe yiyunivesithi yamaBhulu kuphela, iziko lemfundo lakhaba ngawo omane, oku kwakhokelela ekusekweni kwe *Rand Afrikaanse Universiteit*, ngoku esele iguquliwe ibizwa *University of Johannesburg*.

Ngoko ke Mongameli, xa thina, ndifuna ukucaphula amazwi akho athi, “*ndityala (kule meko,sityala)Ndinjenje nje kungenxa yeenduli neentaba, iintlambo, imilambo, iinkqantosi, ubuqhele-qhele beentyantyambo, iilwandle ndawonye namaxesh’ onyaka ahlel’etshintsha-tshintsha nawuzoba ngokucacileyo umfanekiso wezwe lethu*”, iiyunivesithi ezininzi eMzantsi Afrika zityala i-Unisa! Ngoko ke, kuni nonke maqabane namkelekile ngokukhethekileyo kumaziko esidlelana nawo alapha namhlanje-silusapho ngendlela enzulileyo.

Ngokucacileyo, iingcambu zeUnisa zizinze kakhulu kumhlaba waseAfrika. Le yunivesithi yondlile- nayo yondliwa zizizukulwana zeemfundi nezazi ezininzi, ekucace kumakhulukhulu amawaka athwese izidanga avela kuzo zonke iindidi zoluntu ezifumaneka kumashishini aziwayo nawabucala emhlabeni jikelele- athe anikela ngeenkono, aphumelela emagqabini. Ndinga ukuba uya kungqinelana nam xa ndisithi le ibe yimpumelelo

nomnikelo omangalisayo! Nangoku umbono weUnisa kukuba “iyunivesithi yeAfrka equlunqa ikamva kwinkonzo eyinikela eluntwini”- imfundo efikelelekayo kumntu wonke okufanelekeleyo ukwamkelwa nozimiseleyo ukusebenzela ilizwe nelizwekazi lethu.

Masikhumbule kodwa, manene namanenekazi nanjengoko sibhiyozela imbali yethu ebalaseleyo, ngokulinganayo singalilibali ikamva elibalaseleyo esiqulunqayo nesiphezu kwalo ngoku sithethayo. Umntu angathembela abambelele kwifuthe londalashi, kwaye ahexe kwilifa ukufikelela kwibanga elithile phambi kokuba ibe lidondolo- mhlawumbi ibe sisizathu sokuzigwebela okanye ubuxoki – ngenxa yokungabi nambono nantshukumo egqaliselayo, enodlamko, eyandisayo nekamva elithembisayo. Xa oko kusenzeka ukufa asinakukubalekela.

Kungako uya kufumana ubuchule esibusebenzisayo bujolise kakhulu

ekufumaneni iyunivesithi yeAfrika ngokungacel’ uxolo iphenjelelwa kukungenisa izinto ezintsha ezakhayo, isakhono sokuqweba, notshintsho oluzenzekelayo.

I-Unisa inenjongo yokuba ifane nomlilo obaswe entabeni

njengomqondiso wezinto ezinophawu olwamkelekileyo, olubalaseleyo

ekufundiseni nasekufundeni, uphando nokwenza iinguqulelo

nokungenelela kwabahlali- kubambiswano lokwakha kabutsha uMzantsi

Afrika neAfrika.

Ukuze sikuphumelele oku, sizimisele sinembopheleleko yokugcina izikhundla zezintlu ezahlukeneyo zabathathi-nxaxheba esibafumene belangazelela ukudlala indima ebalulekileyo ekwakheni nasekuphuculeni ilizwe nezwekazi lethu. Kakade, iintlobontlobo zeendwendwe zamazwe angaphandle abathe bakunye nathi namhlanje bathethe ngqo ngendlela izinto esizibona ngayo, siyiyunivesithi yabantu, emele abantu ngokubanzi, yaye siya kusebenzisana nabani na oonjongo zakhe ngelizwe lethu nabantu balo engqinelana neembono zeUnisa. Nokokuba i-Unisa ingaba yeyona ingqengqeza phambili kwicandelo lezefundo ephakamileyo kweli loMzantsi Afrika, siyinxalenye yezixokelelwano zemfundo ephakamileyo yoMzantsi Afrika, kwaye sonke kumele siqinisekise ngohlobo lweenguqu eziya kusisa phambili kwimfundo enqwenelekayo esemgangathweni nekwinqanaba eliphezulu.

Ewe siyavuma ukuba mninzi umsebenzi omele ukwenziwa, kodwa ndiyazingca ngokuthi siqale ngendlela ephathekayo nebonakalayo ukuphumeza iinguqu ezifunekayo ukuqinisekisa utshintsho.

Sizimisele ngokukodwa ukuqinisekisa ukuba siqhubela phambili

kubundlalifa esibufumene kumagqala angasekhoyo nokuthi 'iUnisa
entsha iya kuqhubeka ibonisa intlonipho nothando ezilubonisa kumazwe
aseAfrika nehlabathi

Ewe kunjalo, ngokwenene sinaso isizathu sokubhiyoza! Lulonwabo
lokwenene, singakhohlwa ngesiqabu ukuze sifumane ukuphumla
okufutshane sonwabele ukufika kwiminyaka eli-145 sisoloko siqhube
kakuhle sizinikele. Sivuselelekile, kwaye siyazingca ngobuntloko
babesifazane eluntwini nokuba ziintsika zokukhula kwesizwe sethu.-
beYunivesithi yoMzantsi Afrika.

Inkqubo yanamhlanje iya kusinika ulwazi olungaphezulu noluxhobisayo
kule yunivesithi entle kangaka kwendinokuninika lona ngeli xeshana
endinalo. Kwanele xa ndisithi siyibalela le mini njengebalulukileyo yokuba
yinxalenye yolu sapho olwahlukileyo neliziko elihlukileyo kwaye
siwongekile ngokuba sisonke ngabanye ,siphinde saba yinxalenye yolu
hambo, nelifa lelizwe lethu, izwekazi lethu, nehlabathi.

Sinamkela nonke ngezandla ezishushu sijonge phambili ekwenzeni
okufanayo noku.

Enkosi.